Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 11

# NOVEMBA 2014

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO – P1
# IMEMORANDAM

**AMANQAKU: 80**

Le memorandam inamaphepha ali – 9.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### Imigaqo yokuMakisha uVavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe).

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO.

5. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

6. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ ligqanyisiwe.

7. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini-mathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.

8. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

9. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

## ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Wayehlala kwilali yakuCentuli kwidolophu yakuCentane √ (1)

1.1.2 Lalifanelekile ngenxa yokuba uVusumzi wayengumntu ocotha njenge'snail' xa esenza into. √/Lalifanelekile kuba wayengumntu ongangxamiyo xa esenza into √ (1)

1.1.3 B √/othandwayo ziititshala (1)

1.1.4 Babemcaphukelela ubukrelekrele bakhe ingakumbi kwizifundo zeMathematika nezobugqi. √√/Wayebogqitha esikolweni √√/ wayefumana amanqaku aphezulu kunawabo √√ (2)

1.1.5 Wayecaca ukuba unxilile √√/ecaca ukuba uphantsi kweempembelelo zotywala √√ (2)

1.1.6 Ewe. Ufike sele ethuka uVusumzi, emrholele imela, loo nto icacisa ukuba wayeze emfungele kakade. √√ /Ewe, uThembelani ebewulungiselele lo mlo kuba naku efika sele engqala kuVusumzi ngemela. √√ (2)

1.1.7 Wayeza kungena etyaleni lokubetha abulale, into ke leyo egwetyelwayo ngumthetho.√ (2)

1.1.8 Abazali babo bobabini baye bavumelana ukuba abantwana babo mabohlwaywe kuba belwile. √√ (2)

1.1.9 Into ebesoloko eqhayisa ngayo (amandla) ayisekho/iphelile √/ kwakucacile ukuba akasenanto anokuzithemba ngayo ngoku. √ (1)

1.1.10 Inkomfa √ (1)

1.1.11 Bubuxoki. Amazwi athi, 'UVusumzi wamphokozela engenasikrokro santo' abonisa ukuba wayengenasixhiba. √√ (2)

1.1.12 Bendinokuvuya kuba ukusebenza nzima kunembuyekezo. √√ [Nayiphi na impendulo efanelekileyo] (2)

1.1.13 Wayeza kusebenzisa kanye obo bunkenenkene bakhe ukuze amwise okanye amonzakalise. √√/Kaloku umntu ubambeka lula ngento angenamandla akuzikhusela kuyo. √√ (2)

1.1.14 Zamkhathaza kakhulu √ (1)

1.1.15 Banomona√/bakhohlakele √/bangcolile √ [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (1)

1.1.16 Ubuhlobo obungalunganga √/umona √ [Nasiphi na isihloko esihambelana nesiveza ukuba umfundi uyawulandela umxholo wesicatshulwa] (1)

1.2 **OKUBONWAYO**

1.2.1 Sisifundo seziBalo √/seMathematika √ (1)

1.2.2 Yitshoko √/ yichalk √/ngumsizi omhlophe √ (1)

1.2.3 Sidume ngokuba nzima. Umfundi kufuneka aziqhelanise naso asoloko ebala ukuze singaphumi engqondweni. √ (1)

1.2.4 Ewe. Kuzo zozibini ezi zicatshulwa kuboniswa imeko yesikolo √√ Izifundo zeziBalo zikhankanyiwe kwisicatshulwa A kanti nomfanekiso okwisicatshulwa B ubonisa isifundo seziBalo √√. (2)

1.2.5 Amehlo akhe nendlela ami ngayo utitshala zibonakalisa ukuba ulindele impendulo kubafundi akunye nabo egumbini. √ (1)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

**Ukumakisha isishwankathelo**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

**Ulwabiwo-manqaku**

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
- Amanqaku ama-3 olwimi.
- Amanqaku ewonke: 10.

**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engachapulanga ngqo.**

- 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
- 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi echapule ngqo.**

- 6-7 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
- 1–5 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

**Ubalo-magama:**

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

| | Amazwi acatshulwe ngqo | | Amazwi ashwankathelweyo |
|---|---|---|---|
| 1. | Amanenekazi ngabantu abasoloko bezixakekisa ngokuphatha imithwalo emininzi xa behamba. | 1. | Kucetyiswa amanenekazi ngokucutha umthwalo xa enohambo. |
| | | | |
| 2. | Ityesii enye nengxowana zanele ukuze umhambi angaziboni elahlekelwa yimpahla yakhe yexabiso ngenxa yokuxinana kwengqondo ade alibale nokuba imithwalo yakhe ibimingaphi na. | 2. | Imithwalo emininzi ingalahleka, phatha isuthkheyisi nebhegana kuphela. |
| | | | |
| 3. | Xa umntu eza kuthatha uhambo lweeveki ezimbini akukho mfuneko yakuphatha izinto ezininzi kuba enyanisweni amaxesha amaninzi umntu ude abuye engakhange azisebenzise zonke. | | Kuhambo lweeveki ezimbini, mazibe mbalwa kakhulu iimpahla kuba zingabuya zingakhange zisetyenziswe. |
| | | | |
| 4. | Khetha iilokhwe, iitophu, imibhinqo, iijini zibe mbini ezinemibala eyahlukeneyo uphathe nezinto zokuhomba eziqaqambileyo. | 4. | Khetha zibe ngambini izinto oza kuzixuba nezinto zokuhomba eziqaqambileyo. |
| | | | |
| 5. | Ungazipakishi zonke iihombo zakho, ungazithenga iihombo neebhengile apho uya khona. Izinto oza kuzidinga ezinjengonomyayi,amaphepha okuhamba, isipaji, izitshixo, mazibe kwingxowana. | 5. | Iibhengile ungazithenga apho uya khona. Kwibhegana faka izinto oza kuzisebenzisa rhoqo. |
| | | | |
| 6. | Xa uqalisa ukupakisha beka zonke izinto ezibalulekileyo phezu kwebhedi, upakishe isiqingatha sazo, ujonge into oyilibeleyo uze uphinde upakishe eziseleyo. | 6. | Zibeke phezu kwebhedi izinto ezibalulekileyo, pakisha isiqingatha ukhangele ozilibeleyo kuqala. |
| | | | |
| 7. | Thenga iipakethana ezilungiselelwe iiholide xa uthenga isepha yeenwele, ikhondishina, nezinto zokuthambisa. Ungaziphathi iibhotile ezinkulu. | 7. | Izinto zokuhlamba nezokuthambisa zifake kwiibhotilana ezincinci. |

**Inani lamagama: 60**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IMIGAQO NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

**Ukumakisha iCandelo C**

1. **UPELO**

- Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
- Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
- Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

3.1 Amachiza nezipayisi zokubraya zakwaRobertsons√ /kuthengiswa iHerbs and Spices zakwaRobertsons √ (1)

3.2 Sibhekiselele kubantu abakonwabelayo ukutya inyama ebrayiweyo √/ eyojiweyo √/umbengo√ (1)

3.3 B√ /kumntu oyincutshe nobalaseleyo √ (1)

3.4 Ngamabhaso/zizinto ezifunyanwayo wakungenela ukhuphiswano Weber Braai exabisa R7 999 √ nezixa zokuthenga nyanga zonke. √ (2)

3.5 Umfanekiso utsala umdla wabathengi.√ (1)

3.6 www.bona.co.za √ (1)

3.7 'Ngoko khawuleza ungenele' (1)

3.8 Hayi, umthengi uza kwenza imali eninzi ngaphezu kwale R7 999 kuba mnye umntu oza kuyifumana babe bebaninzi abathengileyo. (2)

**[10]**

## UMBUZO 4: IKHATHUNI

4.1 Kubonakalisa ukuba uyamdelela √/umbiza esemsindweni, ecaphuka √ (1)

4.2 Akalogwala/ akamoyiki/uzithembile √ (1)

4.3 UStix noRasta bayatyholana √. Omnye ubuza omnye ngokumfanisa nesilwanyana. √ (2)

4.4 Iyabothusa √ into yokuba bebekhe bathukana, abanalo √ nofifi lokuba bebekhe abavana (2)

4.5 Kuyacaca ukuba nguShoti lo ubaxabanisayo √√/ungumthelekisi √√ (2)

4.6 Ubaleka kuba esoyika ukuba uza kupakanyelwa nguStix noRasta. √ (1)

4.7 NguThemba Siwela √ (1)

**[10]**

## UMBUZO 5: ISICATSHULWA

5.1.1 Emzini √ – isihlomelo sendawo √ (2)

5.1.2 Sisifanekisozwi √ (1)

5.1.3 Isixando sokwenziwa/isenziwa √ (1)

5.1.4 ukugwintwa √ (1)

5.1.5 egcuwa = eGcuwa √ (1)

5.1.6 Kushiywe iceba ngenxa yokuba isibizo 'idolophu' silandela isimelabizo sokwalatha/isikhombisi √
[Akukho nqaku ngokuchaza ushiyo lweceba, **sisizathu kuphela** esinenqaku] (1)

5.1.7 Injongosenzi = Abaqeshwa bakhe √ (1)

5.1.8 UYangaphi wabaxelela abasebenzi bakhe ukuba elo shishini yayilelabo √ bonke, ngaphandle kwentsebenziswano yabo laliza√ kuphela tu. (2)

5.1.9 Ukuqesha √ (1)

5.1.10 Abangqwabalala = Sisibaluli √ (1)

5.1.11 B √/indelelo √ (1)

5.1.12 C √/umntu osandul'ukubufumana ubutyebi nobaphakameleyo abanye abantu. (1)

**[14]**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.2 | 5.2.1 | Abafundi babonwe besoja inyama ngexesha lesikolo. √ | (1) |
| | 5.2.2 | Umfundi wabonwa esoja inyama ngexesha lesikolo √ | (1) |
| | 5.2.3 | Asiyonyama yenkukhu le yojiwayo. √/Asiyiyo inyama yenkukhu le yojiwayo. √ | (2) |
| | 5.2.4 | Abantwana besikolo bayaphuma baye edolophini nangona umthetho wesikolo ubafuna emagumbini okufundela. √√/ Nangona umthetho wesikolo ubafuna emagumbini okufundela abantwana, bayaphuma baye edolophini. √√ | (2) **[6]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**